## IMBULAMBETHE

Ezobugcisa zinako ukubenza abantu ukuba bakwazi ukuchaza indlela abaziva ngayo, nento abayicingayo nabakulangazelelayo. Njengabantu sineziphiwo neetalente, kodwa ngamaxesha amaninzi iitalente zethu ezifihlakeleyo zifuna umntu onokuzixongxa ngaphambi kokuba zingabonakala. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) lisungule inkqubo exhobisa ikwaqaqambisa ulutsha ngohlobo lweNkqubo yoPhuhliso lweMidlalo yeQonga eCape Winelands nase-Eden. Le nkqubo idale amathuba angawo obugcisa kubantu abatsha ngokunika ubomi obinentsingiselo.

Inkqubo yoPhuhliso lweMidlalo yeQonga inobungqina ekuzibopheleleni kweDCAS ekuboneleleni abantu abatsha ngamathuba okufunda, amava nomkhomba-ndlela kusetyenziswa imidlalo yeqonga. Ngokuzibandakanya ngale ndlela, bafumana ukubona ihlabathi ngendlela eyakhaya nangendlela ekhuthazayo. Eli phulo libonelele abantu abatsha ngamathuba okufunda koompondo zihlanjiwe kweli candela, ukuba bakrotyiswe kuzo zonke iinkalo zemidlalo yeqonga, nokuhlola amathuba amaninzi angaavela ngenxa yoku.

Ngamaphulo alolu hlobo iDCAS idibanisa abo bathathi nxaxheba abohlukeneyo, abachaphazelekayo, amahlakani entsebenziswano noluntu ukuba baququzelele ukwabelana ngezibonelelo, ulwazi nokwazi. Eyona njongo igqibeleleyo kukwenza iindlela zobugcisa ezixhasa ukusunguleka koluntu olungachatshazelwanga ziimeko zokuhlala ezingenagalelo elihle eluntwini.

Ndiyambulela wonke umntu omtsha ngokuthatha inxaxheba kule nkqubo kude kube ngoku. Nomelele kwiinzame zenu zokwenza umahluko. Qhubani kakuhle ke nonke nina bathatha inxaxheba yaye nanga ningakhula kweli khondo nililandelayo, nibe nempumelelo. Nanga ningaqhuba nokukwenza igalelo, nokwakha uluntu olukukhuthazekileyo noluvelisa izinto ezintsha, UBambiswano ngaMandla.

**UMPHATHISWA WEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO**
**Ngugq. Nomafrench Mbombo**



## IMBULAMBETHE

Siyazingca ngokuba kulo nyaka iNkqubo yoPhuhliso loBugcisa neNkcubeko yaseLangeberg igqiba unyaka wesihlanu ikho. Le nkqubo yaqalwa ukuze incedise ukuveza iitalente nezakhono izibeke kwiqonga lobugcisa ukuba libe negalelo kuqoqosho lwendawo yethu. Ibuthathe ubugcisa obu yabungqamanisa nophuhliso lwezentlalo, uluntu noqoqsho ukuzama ukujongana neengxaki zezentlalo nentswelo-msebenzi egqubа nangakumbi kulutsha.

UMnyhadala woMdlalo weQonga waseCape Winelands ukunyaka wesibini wamiselwayo yaye liyakhula inani labantu abatsha abathatha inxaxheba kumdlalo weqonga.

Kungenxa yalo Mnyhadala woMdlalo weQonga olunye ulutsha seluzuze, okokuqala ebomini, ithuba lokuba ngabadlali beqonga abavunyiweyo nje. Ukubonwa ungumdlali weqonga kumaziko aziwayo afana neBaxter Theatre ne-Artscape phakathi kwabanye abadlali abaziwayo, kuliqonga elihle elivula amehlo nelingavula futhi ezinye iingcango ezininzi zokhondo elinempumelelo kolu hlobo lobugcisa.

Intsebenziswano phakathi kweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS), iBaxter Theatre kunye ne-Artscape buyithathe le nkqubo yoPhuhliso loBugcisa neNkcubeko yaseLangeberg bayibeka emendweni othe ngqo oza kuyikhulisa. Sinqwenela ukuba bazuze kangangoko yaye baphuhle ngobuninzi babo abantu abatsha de babe ngabavunyiweyo. Kwiinkqubo zethu ezicwangcisiweyo zokhenketho sichophele loo mba kanye wokongeza ezenkcubeko nezobugcisa ezinjengemidlalo yeqonga ephuma kule ndawo yethu ukusinceda ukwazisa ukuba iLangeberg le yindawo yokuhanjelwa ekhethekileyo.

Siyalibulela ke elithuba lokuchophela uMnyhadala woMdlalo weQongawaseCape Winelands wamagqibeLa kanqoyi apha eLangeberg kwakhona!

Egameni labantu bakaMasipala waseLangeberg, ndinamkela nonke, ngakumbi abadlali beqonga abathathe ixesha bezama kangangoko ukuba benze into entle, ebukelekayo.

Ndibanqwenelela ithamsanqa bonke abathathi-nxaxheba.

**Intetho yokuvula nokwamkela Nksz. D Gagiano, USodolophu kaMasipala waseLangeberg**



## IMVELA-PHI

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lizibophelele ekuphuculeni ubomi babantu ngezobugcisa. Imbono yethu ikholose ekuvuleni amathuba ngokuququzelela uphuhliso lwezakhono, ukuchongwa kwetalente, ngokwakha ubudlelane obubalulekileyo, nokubonelela ngamathuba okwenza ukuba abantu babalasele.

I-DCAS ikholelwa ukuba kufuneka lixhaswe iphuhliso lezobugcisa nenkcubeko eluntwini ukuze lube lolubonakalayo, olunezibonelelo eziziziseko nezizinzileyo. Ikwenza oku ngokwenza ubudlelane noluntu, nangokudala amathuba okuba ubani agqwese koko akwenzayo.

Imidlalo eboniswe apha namhlanje bubungqina bempumelelo yenkqubo ye-DCAS yobugcisa nenkcubeko. Apha sibona iziqhamo zoququzelelo olusebenzayo lweenzame zoompondo zihlanjiwe kule nkalo, uluntu, umasipala kwakunye nethiyetha ezikudidii oluphezulu.

I-DCAS iqinisekisa ukuba ukuphuhliswa komdlalo weqonga eCape Winelands ne-Eden kuqhubela phambili. Ikwenza oku ngokunceda abo babalaseleyo ukuba badlale kumaqonga aphezulu ase-Artscape, eBaxter Theatre nakwiKlein Karoo Nasionale Kunstefees (KKNK).

Yonwabela ubugcisa betalente besithili saseCape Winelands nase-Eden.



## YEQONGA ECAPE WINELANDS 2014

**Igama leqela:** Vangnet Drama Group

**Idolophu:** Bonnievale

**Isihloko:** "Afvlerk"

**Umdlalo ubhalwe** nguSheline Bothma

**Ubhexeshwa** nguJemina Kleinbooi

**Abadlali:** Beyonce Guma, Charon Moses, Jemina Kleinbooi noJaden Davids Lu-ann Swanepoel

### Isishwankathelo

Ugqirha ugqitha uLia endleleni. ULia ufuna ukummisa kodwa akaqinisekanga nokuba iya kuba yinto elungileyo na leyo. Makamxelele bethu uGerda ngale nto ayirhanelayo? Ucinga ukuba angalahlekwa ngumsebenzi wakhe nayintombi yakhe. Uthi kusenjalo agqibe ekubeni ammise ugqirha lo...

Apha kukho amabhinqa amabini ahlukeneyo, asuka kwiindawo ezahlukeneyo, ephila ubomi obungafaniyo kambe enento eyodwa ewadibanisayo.



## YEQONGA ECAPE **WINELANDS 2014**

| | |
|---|---|
| **Igama leqela:** | Khoisan Drama Group |
| **Idolophu:** | Robertson |
| **Isihloko:** | "Her Spirit Lives with Me" |
| **Umdlalo ubhalwe** | nguBernadette Meintjies |
| **Ubhexeshwa** | nguAdam Stevens |
| **Abadlali:** | Chanelle Kok, Danico Stellenberg, Bernadette Meintjies, Cornel Kemoetoe, Bonita Meintjies |

### Isishwankathelo

Intwazana eselula etsala nzinyana yonga umama wayo ogula kakhulu. Lixesha elimfiliba eli ebomini bayo izama ukonga unina kangangoko inako kambe ingazi nokuba iziphumo zale migudu yayo iza kuba yintoni na. Umhlobo wayo osenyongweni uzama kangangoko ukumnceda, kodwa uyifihlile into yokuba uyazithandela pha kule ntwazana de kube ngenye imini eyodwa...



## YEQONGA ECAPE WINELANDS 2014

| | |
|---|---|
| **Igama leqela:** | Langeberg Committed Artists |
| **Idolophu:** | Robertson and Nqubela |
| **Isihloko:** | "Untitled" |
| **Umdlalo ubhalwe** | nguMbulelo Hohlo |
| **Ubhexeshwa** | nguMbulelo Hohlo |
| **Abadlali:** | Dowayne van Wyk, Sidwell Kyster, Mbulelo Hohlo, Ayakha Komzi, Karabo Salman |

### Isishwankathelo

Intombi ethile ekhuliswe ngutata wayo idibana nomfana womlungu. Uyise wale ntombi akabuthandi obu budlelwane bentombi yakhe nomntu omhlophe. Uyayiyala ke ukuba mayingasondeli ebantwini abamhlophe. Iphendula ithi ilizwe likhululekile ngoku, kulawula idemokhrasi, itsho imcela uyise ukuba avume ukuba umfana lo akhe ahambele apha ekhayeni labo. Lithuba elihle eli lokuba axole ngezinto ezazenzekile ngaphambili, ubomi buqhube.



## YEQONGA ECAPE WINELANDS 2014

**Igama leqela:** Team Bring it

**Idolophu:** Worcester

**Isihloko:** “Unlocked Cages”

**Umdlalo ubhalwe** nguShameeg Steyn

**Ubhexeshwa** nguKeithan Lakay

**Abadlali:** Shameeg Steyn, Leleti Mtshotshi, Ashwill Blankenberg, Redewaan Williams, Bradley de Koker

### Isishwankathelo

Lo mdlalo uthi *Unlocked Cages* usekelwe kwibali lokwenyani. Uqwalasele kubudlelwane phakathi kwendoda nonyana wayo, izigigaba ezinomdla ezilandelelanayo, nefuthe lazo ebomini babo bobabini.



## YEQONGA ECAPE WINELANDS 2014

| | |
|---|---|
| **Igama leqela:** | Mayibuye Drama Group |
| **Idolophu:** | Worcester |
| **Isihloko:** | "Life is not About Quitting" |
| **Umdlalo ubhalwe** | nguTshepo Ramodisa |
| **Ubhexeshwa** | nguTshepo Ramodisa |
| **Abadlali:** | Amanda Majola, Bukhosi Msizi, Randal Kleinbooi, Vuyani Laintjies, Thulani Sqoko |

### Isishwankathelo

Kwenye yeelali ezincinane zaseMatatiele eMpuma Koloni, uTshepo, umfana osemtsha ohamba ngesitulo, uhlala endlwini encinanana noninakhulu uMa-Rose. Unephupha lokuba ngumdlali weParalympics kodwa ngelishwa uyaphambuka endleleni aqalise ukusebenzisa iziyobisi. Mhlazana uthile kukho intlanganiso ethile, udibana nomhlobo wakhe uCharles omkhumbuza ngeliya phupha lakhe, atsho emkhuthaza emxelela ukuba angalilahli ithemba kuba akulahlwa mbeleko ngakufelwa. UTshepo uqalisa ukuzilolonga kwakhona atsho aphumelele azuze inkxaso-mali kwiSA Paralympic ukuba adlalele iqela loompondo zihlanjiwe. Ibali eli liqhuba libonise uthando, uxolelo, ubukhalipha, nemibongo.



## YEQONGA ECAPE WINELANDS 2014

**Igama leqela:** Stellenbosch Committed Artists

**Idolophu:** Kayamandi

**Isihloko:** “Bra Joe (Lanquma Inqathe wagqabhuka uBhobhosi)”

**Umdlalo ubhalwe** nguMalwande Ntsodo

**Ubhexeshwa** nguMalwande Ntsodo

**Abadlali:** Mbali Mciva, Nomsa Kovo, Nkululeko Luphalule

### Isishwankathelo

Umama nentombi yakhe baphantsi kwenzila, yaye akumnandi kubo kuba basandula kushiywa ngutata wekhaya. Imeko ibenza bangadibani ngezimvo baphele beziintsalu de kufike uBra Joe ebomini babo. Le ndoda inemikhutyana ecacisa ukuba ize nganjongo zimbi, ayiqondakali, ayaziwa ukuba ibiphila bomi bunjani ngaphambili yaye inamabibi. Izisondeza kulo mama ifuna ukuba ade awe kodwa intombi yakhe umama lo itshotsha entla, ayifuni kuva nantwana ngaloo nto.



## YEQONGA ECAPE WINELANDS 2014

**Igama leqela:** Alfred Stamper Drama Group

**Idolophu:** Worcester

**Isihloko:** "Hailed as a Miracle"

**Umdlalo ubhalwe** nguThabang Joseph Baleni

**Ubhexeshwa** nguThabang Joseph Baleni

**Abadlali:** Thabang Joseph Baleni, Palesa Phillips, Zukhanye Iviwe Yongama Siwanqaza, Lushanda Paul, Nipha Prince, Siphamandla Booysen

**Abaculi abangabalandeli:** Mncedisi Happy Nani, Nipha Prince, Siphamandla Booysen, Siphumelele Dyantyi, Lusanda Shaun Paul, Bongani Magwevana

### Isishwankathelo

Kwilokishi yaseZwelethemba kuhlala indodana ebizwa ngokuba nguBongani. UBongani lo ukwiphulo lokwazi ukuba kutheni na oko wazalwa kusithiwa "ungumntwana ongummangaliso". Eli libali lothando nokungcatshana elibaliswa ngumntu omnye.



## UMlawuli wale misebenzi yobugcisa uyaphawula

Umnyhadala wemidlalo yeqonga weWinelands ne-Eden ukhule ngamandla kuwo onke amanqanaba ayo. Sizibonile iitalente ezinkulu zikhula phambi kwethu apha eminyakeni. Ababekhe baphumelela kule midlalo yeqonga basibonisa into entle nemnandi kwiSuidoosterfees, Zabalaza Theatre Festival neAbsa Klein Karoo Nasionale Kunstefees, iphekwe ekhaya idlalwa ngabadlali abaphuma kwezi zithili. Nditsho nabadlali abaziwayo asele benethuba elide kolu hlobo lobugcisa bayaphupha ngethuba elinje.

Kuyamangalisa kambe kuncomeka ukuzinikela kweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kule nkqubo. ISebe alanelanga kuvula mthombo walo wezimali nje ukuxhasa le nkqubo kodwa lingena ngokwalo endimeni lixhaphe izandla lisebenza ukuze iqhube kakuhle. Ndiqinisekile ukuba ukuba ibingakho eminye imithombo yemali enokuzinikela ngolu hlobo, besingabuthatha ubugcisa beli lizwe sibubeke kwelinye inqanaba.

Ndiswele imilomo eliwaka ukuze ndibonge iZiko laseBaxter Theatre neZabalaza ngokungahexi kwinkolo yabo ngale nkqubo, kwa-nokundinika umhlaba wokuba ndiqinisekise ukuba nyaka ngamnye siyayikhulisa le nkqubo.

Umnyhadala wemidlalo yeqonga walo nyaka uwuxhomile umgangatho. Abathathi-nxaxheba bazuzile ngokudibana kwabo namagcisa amakhulu amaninzi afana noAbdu Adams, Stuart Palmer, Ntombi Makhutshi nabanye. Basebenzisene kakuhle okokoko besabelana ngamava nto leyo abayiqala kwakwindibano yokuqala ababephaka kuyo benika ingxelo yemisebenzi yabo nophuhliso abathathe inxaxheba kulo. Amaqela athatha inxaxheba apha kule midlalo yoompondo zihlanjiwe namhlanje akhethwa emva kwemiboniso yawo kwiindawo ngeendawo. Sathi sakube siwakhethile lawo agqwesileyo saqhuba siwancedisa ukuphuhlisa imisebenzi yawo sibabela ngamava kwiindibano ngeendibano eOudtshoorn naseGroot Drakenstein. NgeyeDwarha siphinde sawahambela onke amaqela ngokweendawo zawo siyiphuhlisa nangakumbi imisebenzi yao.

Kubo bonke oomasipala ndingathanda ukuthi, asikwazi kuwadanisa, siwashiye enyanyeni la magcisa. Masihlale sizibuza umbuzo othi, “Ingaba oku sikwenzayo kwanele na?”

UThixo anisikelele nonke.

**UMlawuli woMyhadala weZabalaza Theatre**
**Thami Mbongo**



## ISICWANGCISO-NKQUBO SOMNYHADALA WEMIDLALO YEQONGA WASECAPE WINELANDS

**Uqukunjelo lwenkqubo kwiHolo yeDolophu yaseRobertson**

**ngoMgqibelo, 22 kweyeNkanga 2014**

**UMphathi-nkqubo – Mnu Moeniel Jacobs**

15:00 Intetho yokuvula nokwamkela Nksz. D Gagiano, USodolophu kaMasipala waseLangeberg

15:10 Nksz. Jane Moleleki : ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
UGq. Nomafrench Mbombo, UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

*Imidlalo*

15:30 Stellenbosch Committed Artists– (Stellenbosch)

15:55 Alfred Stamper Drama Group (Worcester)

16:20 Mayibuye Drama Group (Worcester)

16:50 Langeberg Committed Artists (Robertson)

*Ikhefu*

18:00 Khoisan Drama Group (Robertson)

18:30 Vangnet Drama Group (Bonnievale)

19:00 Team Bring It (Worcester)

19:30 Imbongi

20:00 Ukunikezelwa kweziqinisekiso

20:15 Umbulelo nentetho yokuvala (Mr HL Jansen - USekela Sodolophu wase Cape Winelands)

20:20 Ukubhengezwa kwabaphumeleleyo

